



**PARLIAMENT**  
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## **ISIMEMO KULUNTU UKUBA LUNIKE UBUNQINA KWIKOMITI YOPHANDO LWECANDELO LE-194 – UPHANDO NGOKUSUSWA KWI-OFFISI YOMKHUSELI WOLUNTU, UMMELI. BUSISIWE MKHWEBANE (IKHWELO LOKUNIKWA KOBUNQINA)**

iKomiti yoPhando lweCandelo le-194 (“iKomiti”) esekwe yiNdlu yoWiso-mthetho (i-“NA”) iqhuba uphando ngokungqinelana necandelo le-194 loMgaqo-siseko ukuvavanya izityholo eziqulathwe kwiSindululo esandlalwe ngomhla wama-21 kweyoMdumba ngowama-2020 kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe, aqalise ukususa uMkhuseleli woluNtu, uMmeli B Mkhwebane, ngezizathu zokungawazi umsebenzi wakhe kunye/okanye ukuziphatha kakubi (“iSindululo”)

### **Injongo yolu Phando kuku:**

- ivavanye izityholo eziqulathwe kwiSindululo ukuze kuqinisekise ukuba ingaba **uMmeli B Mkhwebane**, akawazi umsebenzi wakhe kwaye/okanye uziphethe kakubi; kunye
- nengxelo eya kwiNdlu yoWiso-mthetho emalunga neziphumo kunye nezindululo.

iKomiti imema abantu ukuba bazise iKomiti, ngokubhaliweyo ukuba banqwenela ukunika ubungqina phambi kweKomiti obuza kunceda kuvavanyo lwayo lwesi Sindululo, unqandlulanga umhla wama-23 kuCanzibe 2022 kunye nokucebisa kweso saziso ukuba ingaba luyafuneka na uncedo ekwenzeni ingxelo phantsi kwesifungo okanye ukunikezelwa kobungqina kuyafuneka kusini na. Iinkcukacha zoqhagamshelwano ezipheleleyo kufuneka ziqukwe kweso saziso.

Nabani na okanye nawuphi na umbutho onqwenela ukunika ubungqina ngokwemiba evela kwiSindululo kufuneka akwenze oku ngokuthi abhale phantsi naphantsi kwesifungo okanye isiqinisekiso ingadlulanga intsimbi ye-12 umhla wesi-3 kweyeSilimela 2022.

Esi saziso sikhankanywe ngasentla kunye nobungqina kufuneka bunikezelwe kwiKomiti nge:

- Imeyile ku Nobhala weKomiti, **uMnu Thembinkosi Ngoma at [tnngoma@parliament.gov.za](mailto:tnngoma@parliament.gov.za)** (**kuqhagamshelwane naye kwinqanaba ethi 083 709 8407**) okanye
- Sithunyelwe ngekopi eshicilelweyo ngamalungiselelo angaphambili noNobhala weKomiti.

Nawuphi na umntu okanye umbutho unokuthi, ukuba kuyimfuneko, acelwe ukuba anike ubungqina phantsi kwesifungo phambi kweKomiti ngokoMthetho waMagunya, amaLungelo awodwa kunye neziGodlo zePalamente noMthethu weziNdlu zoWiso-mthetho zePhondo, wama-2004 kunye nayo nayiphi na imigaqo neenkqubo ezisebenzayo. Abukho ubungqina obungakhange buchazwe kwangaphambili kwingxelo efungelweyo obuya kwamkeleka.

Nabani na okanye nawuphi na umbutho onqwenela ukunika ubungqina ngokwemiba evela kwiSindululo kufuneka akwenze oku ngokuthi abhale phantsi naphantsi kwesifungo okanye isiqinisekiso ingadlulanga intsimbi ye-12 umhla wesi-3 kweyeSilimela 2022.

UPhando lulandela ukungeniswa kwengxelo elungiswe liGqiza eliZimeleyo yomhla wama-24 kweyoMdumba 2021 nethe yacebisa, ngenxa yezizathu ezibekwe kule ngxelo, ukuba izityholo ezikwiSindululo kufuneka zithunyelwe kwiKomiti njengoko kubonelelwe kwiMithetho ye-NA.

UPhando kufuneka luqhutywe ngendlela efanelekileyo nenenkqubo engenamkhethe, ngexesha elifanelekileyo.

Oku kulandelayo kungafumaneka kwiwebhusayithi yasePalamente ethi [www.parliament.gov.za](http://www.parliament.gov.za)

- Isindululo esaqala ngoPhando kunye nobungqina obuxhasayo;
- Impendulo yoMkhuseleli woluNtu kwiSindululo;
- Ingxelo evela kwiGqiza eliZimeleyo enikezelwe kwiNdlu yoWiso-mthetho;
- Imigaqo yeNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe elawula ukususwa; kunye
- Nemimiselo yokusebenza njengoko yamkelwe yiKomiti ngomhla wama-22 kweyoMdumba 2022 nenokuthi ilungiswe amaxesha ngamaxesha.

**Ikhutshwe ngoHloniphekileyo uMnu QR Dyantyi, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti yoPhando lweCandelo le-194.**

**Parliament – Following up on our commitments to the People  
– Making your future work better**